

DISASTER MANAGEMENT



**WENA, USAPHO LWAKHO &
NEENTLEKELE!**



SCAN HERE

FOR MORE INFORMATION
REGARDING DISASTERS



 **nelson mandela bay**
MUNICIPALITY



YINTONI ULAWULO LWENTLEKELE ?

- Luxanduva lomntu wonke!
- Yinkqubo emanyeneyo (Inamacanelo ahlukeneyo).
- Ayintshukumo inokhuthathwa njengaleyo yexesha elinye kube kuphelle, iyaqhubekeka.
- Inkqubo yokucwangcisa nokuzalisekiswa kwesicwangciso ifikelela koku kulandelayo:
 - ★ Kukuthintela kwaye unciphise umngcipheko wokwehla kweentlekele.
 - ★ Ukunciphisa igalelo leentlekele.
 - ★ Ukulungiselela ixesha likaxakeka.
 - ★ Ukwenza intshukumo ngokukhawuleza nangendlela esebenzayo ngenlekele.
 - ★ Emva kweentlekele, ukubuyela kwisimo esiqhelekileyo.

- Kubalulekile ukuba uzazi izinto ezibeka esichengeni ukhuseleko lwakho maxa onke.
- Ekuhlaleni ukwehla kwentlekele kuxhomekeke kubungozi (isigrogrisi) nakubu-ethe ethe (indela o-ethe ethe ngayo okanye okulungele ngayo ukumelana nentlekele)
- Ubuzaza bengxaki buya kuxhomekeke kubuzaza bengozi kunye nomgangatho wokuba sesichengeni koluntu.



INTLEKELE =



UBUNGOZI X



UBU-ETHE ETHE

YINTONI INTLEKELE ?

Yinto eyenzeka ngesiqophe, kwiindawo ezininzi okanye kwindawo enye, ibangelwa yindalo okanye ngumntu ngesenzo esithile-

- ★ (a) ebangela okanye egrogrisa ukubangela:
 - ukufa, okanye isifo;
 - umonakalo kumhlaba, into emisiweyo okanye indalo esingqongileyo; okanye
 - ukuphazamiseka kwendlela yokuphila yabahlali;

KWAYE

- ★ (b) Ibungakanani budlulayo amandla okumelana nemeko kwabo bachaphazelekayo kwintlekele xa besebenzisa izixhobo zabo kuphela;

QAPHELA!

- ★ Kuxa enye ka (a) kunye no (b) isenzeka kuphela apho intlekele ibalwa njengeyenzekileyo.
- ★ "Abo bachaphazelekileyo" kucacisa kwindawo ezichaphazelekileyo yintlekele kunye nee-arhente, ezikarhulumente kunye nezo zingezizo ezikarhulumente ezithatha amanyathelo ayintshukumo ngenxa yentlekele.
- ★ Esinye isenzeka ngaphandle kwezi ziya kubalwa njengento eqhelekileyo okanye isehlho esothusayo.


YINTONI UBU-ETHE ETHE?

- Yimeko yangaphakathi enyusa izinga lokuba semngciphekweni kwabantu kunye nokuthatheka kubungozi.
- Ubuzaza umntu okanye usapho, abahlali okanye ingingqi enokujamelana nabo ngenxa yobungozi okanye intlekele.
- Ubu-ethe ethe bungahluka kubungozi ngobungozi ngabunye, umzekelo; ungakwazi ukumelana nee-mpembelelo zomoya omkhulu, kodwa ungakwazi kwaphela ukumelana nesikhukhula.

Umzekelo: Ukuba wakha indlu yakho ezantsi kwethambeka okanye kufuphi kakhulu nomlambo, uya kuba lixhoba lokushukuma komhlaba kunye namaty e awayo ukusuka phezulu kwithambeka elo okanye kwizikhukhula xa amanzi emlanjeni enyuke ngenxa yeemvula ezimmandla.

YINTO UMNGCIPHEKO WENTLEKELE ?

- Umngcipheko wentlekele yilahleko elindelekileyo ngokungqamene nokuphulukana nobomi, umonakalo kwimpahla kunye nelahleko kwezezimali ebangelwa kukugrogrisa okuthile.
- Umngcipheko wentlekele yinto enokungahambi kakuhle ekuhlaleni xa abahlali bathe babekwa emngciphekweni wobungozi (isigrogrisi).
- Sonke sisemngciphekweni weengozi ezahlukeneyo mihla le.



YINTONI UBUNGOZI ?

- Sisehlo okanye inkqubo,
- Kungenzeka ukuba yenziwe yindalo okanye ngumntu, kwaye
- Ibeka emngciphekweni ubomi, impahla kunye nendalo esingqongileyo.



IMIZEKELO YOBUNGOZI

- Ukuwiswa kwamahlathi
- Ungcoliseko lomoya
- Ukuguquka komhlaba olimekayo ube yintlanga
- Ukonakala kokusingqongileyo
- Lingozi zokutsha kweekhemikhali ezifemini
- Imbalela
- Ukudubula kweentaba mlilo
- Ubhubhane
- Ukuzaliswa zizilwanyana ezikhathazayo
- linkanyamba
- Izaqhwathi
- Umoya ovuthuza ngamandla
- Li-Tsunami
- Izikhukula
- Linyikima
- Ukudilika komhlaba
- Umlilo
- Ubugrogrisi

INGABA IKHONA IMIZEKELO YOBUNGOZI KWINDAWO OHLALA KUYO ENGABALWANGA APHA NGASENTLA?



IINDLELA ZOKHUNCIPHISA UMNGCIPHEKO WENTLEKELE?

1. NYANGA UBUNGOZI



UBUNGOZI



Ukuba Kungenzeka, phepha okanye ususe ubungozi. Ukuba kuyenzeka, nciphisa amandla obungozi obo.

2.NYANGA UBU-ETHE ETHE



UBU-ETHE ETHE



Nciphisa ubu-ethe ethe / Nyusa isakhono

Bazi ubungozi onokuthi ugaxelele kubo

Zikhusele kubungozi ngabunye



ISAKHONO




- Qinisekisa ukuba indlu yakho ithobela imigaqo yokwakha okanye yakiwe ngendlela eluqilima.
- Qinisekisa ukuba zonke iintambo zakho zombane zikumgangatho ovumelekileyo.
- Qhagamshelana neCandelo lomlilo malunga nokhuseleko lomlilo endlini.
- Yenza yonke into ngendlela efanelekileyo endlini.



YENZELA USAPHO LWAKHO ISICWANGCISO SOKUPHUMA NAMHLANJE... HLEZE SISINDISE UBOMI BAKHO NGOKUHLWANJE !

1. ZOBA IPLANI YEKHAYA LAKHO

- Kufuneka uzobe iplani yekhaya lakho, umgangatho ngamnye. Sebenzisa inethi ukuzoba iplani yakho.



2. QUKA ZONKE IINDAWO ZOKUPHUMA

- Zoba zonke iingcango, iifesitile kunye zezistephu.
- Oku kuya kubonisa, ngephanyazo, wena nosapho lwakho zonke iindawo ezinokusetyenziswa xa kuphunywa.
- Quka zonke zinto, izinto ezifana nophahla lwegaraji, ezinokunceda xa kuphunywa ngexesha lengxaki.

3. BONISA IINDLELA ZOKUPHUMA EZIMBINI KWIGUMBI NGALINYE, UKUBA UNAKHO

- Umnyango uya kuba yindawo yokuphuma engundoqo kwigumbi ngalinye. Kodwa ke, ukuba umnyango ugqunywe ngumsi okanye umlilo,
- Bonisa enye indawo ekunokuphunywa kuyo, enokuba yifesitile.
- Qinisekisa ukuba zonke iifesitile zakho zivuleka lula kwaye wonke umntu uyakwazi ukuphuma kuzo ngendlela ekhuselekileyo.
- Ukuba iifesitile zakho zineentsimbi zokhuseleko, Qinisekisa ukuba zinesixhobo sokuzikhulula ngephanyazo.

4. INGABA UKHO UBANI ODING UKUNCEDISWA XA KUPHUNYWA?

- Gqiba kwelokuba ngubani oya kunceda abona bancinci, abona badala okanye abantu abanokhubazeko ekhayeni lakho.
- Imizuzu embalwa yamalungiselelo iya kongela imizuzwana ebalulekileyo mhla ngengxaki yokwenyani.

5. KHETHA INDAWO YOKUDIBANA PHANDLE

- Khetha indawo eniya kudibanela kuyo ekumgama okhuselekileyo ukusuka kwikhaya lakho eyakukhunjulwa ngumntu wonke.
- Umthi, isibane sesitrato okanye ikhaya lommelwane ziindawo ezilungileyo.
- Ukuba kuthe kwatsha, wonke umntu uya kuya ngqo kule ndawo yokudibana ukuze babalwe ukuba bakhona.

6. TSALELA ICANDELO LOMLILO XA UPHUMILE ENDLINI

- Musa ukuchitha imizuzwana ebalulekileyo ngokutsalela icandelo lomlilo ungaphakathi endlini.
- Xa sele uphumile ukhuselekile, tsalela icandelo lomlilo kwimfonomfono yesandla okanye kweyommelwane wakho.

7. LUNGISELELA ISICWANGCISO SAKHO SOKUPHUMA

- Phonononga isicwangciso sakho nosapho lonke.
- Hamba hamba kwiindawo zokuphuma mhla ngengxaki kwigumbi ngalinye nosapho lonke.
- Sebenzisa oko kuhamba hamba ukukhangela iindawo zakho zokuphuma mhla ngengxaki, qinisekisa ukuba zonke ezi ndawo zokuphuma zisebenziseka kwaye zisebenziseka lula.
- Nakugqiba niprektizele ukukhala kwe-alamu yomlilo kabini ngonyaka kwaye nikhangele ukuba nithatha ixesha elingakanani na ukuphuma.
- Xa kuthe kwakho umlilo wokwenyani, kufuneka nishukume ngaphandle kwamathandabuzo kuba iindawo zenu zokuphuma zingathintwa ngumsi okanye ngamadangatye.

KHUMBULA:

- ♦ Cwangcisa iindlela ezimbini zokuphuma kwigumbi ngalinye, ukuba kuyenzeka.
- ♦ Lungiselela ukwenza intshukumo yaxa kukho umlilo, kabini ngonyaka.
- ♦ Fakela izixhobo zokuchaza ukubakho komsi kumgangatho ngamnye ekhayeni lakho nangaphandle kwazo zonke iindawo zokulala.

LUNGISELA INTLEKELE EZAYO, NGOKU



- Yakha indlu yakho iimitha ezi3 ukusuka kweyo-mmelwane wakho ukuze uthintele ukunwenwa komlilo.
- Qinisekisa ukuba indawo zokuphuma zingaphezulu kwenye endlini yakho ukulungiselela xa kuthe kwatsha.

- **MUSA** ukuvumela inkunkuma yegadi, iikhadibhodi kunye / okanye amaplanga, ziphishane phakathi kwezindlu, oko kungumngcipheko womlilo!



- Gcina ibhakethi lesanti nelamanzi zilungele ukusebenza. Zama ukucima imililo emincinci phambi kokuba inwenwe.
- **MUSA** ukuzibeka esichengeni !



- Sebenzisa Isanti ukucima imililo yeparafini,
- **MUSA** ukusebenzisa amanzi !



- Sebenzisa amanzi ukucima umlilo wamaplanga, amaphepha kunye namalaphu !



- Gcina imatshisi, izixhobo sokuvuthisa, iparafini kunye neethyefu zasekhaya zikhuselekile ukuze abantwana bangafikeleli kuzo.
- Sebenzisa isiciko esilungiselelwe ukuba singavulwa ngabantwana kwimbombosi yeparafini.



- Beka isitovu kwindawo esicaba - kude kunomoya ongenayo kunye nezinto ezinokutsha ezifana neekhethini.
- **MUSA** ukushiya umlilo, isitovu esiphekayo okanye isibane zaparafini zingahoywanga.



- Cima amakhandelela kunye nezibane phambi kokuba ulale okanye uphume kwikhaya lakho !
- Sebenzisa izixhobo zokumisa ikhandelela xa usebenzisa ikhandelela.
- **MUSA** ukutshaya ebhedini, oko kungakubulala.

**MUSA UKUSHIYA ABANTWANA
ABANCINCI BODWA
NAMAKHANDELELA, IZITOVU,
IZIBANE OKANYE IITHA
ZILAYITIWE EKHAYA!**



MUSA UKOYIKA-ZILUNGISELELE !

- Cima umbane phambi kokuba ucime umlilo wombane. Wandule usebenzise isiciko sembiza okanye ilaphu elifumileyo ukucima loo madangatyé !
- **MUSA** ukusebenzisa amanzi ukucima umlilo wombane !



- **MUSA** ukuvumela abanye abahlali ukuba bakhe imizi yabo kwiingingqi ezithandwa zizikhukhula.
- Yakha indlu yakho ibe nomgangatho ongaphezulu kumgangatho womhlaba.
- Yenza imijelo yokuthumela amanzi ngaphandle kwikhaya lakho.
- Gcina iidreyini zamanzi esichotho zingenankunkuma ngenjongo yokuvumela amanzi lawo ahambe ngendlela efanelekileyo.



- **MUSA** ukuvumela abantwana badlale kumanzi esichotho kuba lo ngumgcipheko kwimpilo yabo.
- **MUSA** ukuvumela abantwana kwizindlu, nangakwizindlu ezitshileyo kuba kukho izinto ezitsolo ezininzi ezinokubonzakalisa.
- **MUSA** ukuvumela abantwana badlale ngematshisi.
- **MUSA** ukuxuba ukusela utywala nokubasa umlilo...kungakuthathela wena kunye / okanye abantu obathandayo ubomi !

- Zazi zonke iinombolo zamaxesha kaxakeka kwaye zibe kufuphi nemfonomfono.
- Yiba nesiwangciso sento engekehlil ukulungiselela zonke iingozi ongajamelana nazo.
- Kwazi omawukwenze xa kuthe kwadingeka ukuba niphume.
- Yazi indawo yokudibana xa sele niphumile.
- Qinisekisa ukuba ninaso isicwangciso sekhaya somhla wengxaki kwaye onke amalungu osapho mawasazi.
- Fundisa abantwana bakho ukutsalela umnxeba ngexesha lengxaki.
- Qinisekisa ukuba onke amaxwebhu akho ebalulekileyo afana nesazisi, ipasi, izatifiketi zokuzalwa zabantwana, amakhadi ebhanka njalo njalo, zigcinwa kwindawo ekhuselekileyo kwaye zifumaneka lula xa kuthe kwadingeka ukuba kuphunywa ngokungxama.
- Yenza izixhobo sexesha lengxaki sosapho lwakho esiya kuba nezinto oya kuzidinga xa kuthe kwadingeka uphume ezifana nempahla efudumeleyo, ukutya, amanzi, amayeza, izinto zokwakha indawo yokugoba ityholo, njalo njalo.



XA KUTHE KWATSHA...



Lumkisa abantu abangaphakathi kwisakhiwo ukuba mabaphume !

Zama ukucima umlilo phambi kokuba unwenwe.

MUSA ukuzama ukuba liqhawe, kungakuthathela ubomi bakho oko!



KHUMBULA umlilo awukhanyi, unobumnyama kwaye uyingozi.

Khasa phantsi komsi ukuze uphephe umlilo.



Nceda abanye abantu baphume endlini!

Qinisekisa ukuba bonke abahlala apho baphumile bayabonakala!



Tsalela abezeenkonzko zikaxakeka ku **041 585 1555** ufumane uncdo ngokukhawuleza!

Ukuba ubatsalela kwangoko, baya kufika ngokukhawuleza noncedo!



Gcina izixhobo zokuxokomezela umbhobho wokucima umlilo zingagqunyanga yinto ukuze abacimi mlilo bafikelele lula kumanzi okucima umlilo .



Gcina iinombolo zamaxesha kaxakeka kufuphi nemfonomfono. Fundisa abantwana bakho ukutitsalela.

Xa utsala umnxeba nizekela ngezi nkukacha:

- ◆ Igama nenombolo yomnxeba.
- ◆ Ingxaki ofuna ukuyichaza !
- ◆ Idilesi epheleleyo.
- ◆ Indawo ekufuphi nendawo enomlilo eqapheleka lula (isikolo okanye icawa).
- ◆ Igosa elithathe iinkukacha zakho liya kubeka phantsi kuqala umnxeba.

Abazisa uncdo baya kuyifumana ngokukhawuleza indlu yakho.

IINOMBOLO ZAMAXESHA KAXAKEKA



**IINKONZO ZAMAPOLISA
ASEMZANTSI AFRIKA
10111**



**IINKONZO ZEMPILO
NGAMAXESHA KAXAKEKA
112**



**IINKONZO ZOMLILO
NEZAMAXESHA KAXAKEKA
041 585 1555**



**ULAWULO LOMNGCIPHEKO
WENTLEKELE
041 501 7900
041 585 1555 (NGAPHAYA
KWAMAXESHA OMSEBENZA)**

EZINYE IINOMBOLO ZAMAXESHA KAXAKEKA

INDAWO YOLWAZI NGEETHYEFU	021 689 5227 0861 555 777
AMANZI	080 020 5050
UMBANE	041 506 5595
AMAGOSA EZENDLELA	041 585 1555
IZIKO LEZOMTHETHO LIKAMASAPALA	041 585 1555
IZIBHEDLELE	
IZIBHEDLELE I-DORA NGINZA	041 406 4257 / 4414 / 4011
IZIBHEDLELE I-LIVINGSTONE	041 405 2507 / 2141
IZIBHEDLELE I- PROVINCIAL EBHAYI	041 392 3911
IZIBHEDLELE I- PROVINCIAL ETINARHA	041 995 1016
IZIBHEDLELE I-GREENACRES	041 390 7047 / 7306 / 7120
IZIBHEDLELE I-CUYLER	041 995 9056
IZIBHEDLELE I-ST. GEORGES	041 374 2424 / 392 6175
IZIBHEDLELE I-MERCANTILE	041 404 0525



*Ukuba udinga ulwazi oluthe vetshe,
qhagamshelana:*
**DISASTER RISK MANAGEMENT
041 501 7900**

**ZONKE IINDIDI ZEENGXAKI
041 585 1555**

